

Izinto ezifanele ukwenziwa

Indlela yokwenza intlama yokudlala

Yenziwa njani intlama yokudlala:


- ★ ikomityi e-1 yomgubo wokuxova
- ★ i-¼ yekomityi yetyuwa
- ★ i-½ yekomityi yamanzi ashushu
- ★ namaqabaza ama-5 esithako sokuguqula umbala wokutya

- 1 Dibanisa ityuwa nomgubo wokuxova.
- 2 Dibanisa i-½ yekomityi yamanzi ashushu kunye namaqabaza ama-5 esithako sokutshintsha umbala wokutya.
- 3 Ngokucotha, galela amanzi kumxube womgubo wokuxova, uzamise ngelixa uwagalelayo. Zamisa de intlama idibane ze uyixove ngezandla zakho de zonke izithako zidibane kakuhle nomgubo. Ukuba intlama imanzi kakhulu, yongeza omnye umgubo de iyeke ukuba manzi.
- 4 Waphindaphinde la manyathelo wenze nawuphina omnye umbala owufunayo.
- 5 Yigcine kwisikhongozelo esinesiciko okanye kwisingxobo seplastikhi ukuze ingomi.




Indlela yokwenza idayisi

- 1 Lincamathisele idayisi kwisiqwengana sekhadibhodi, esifana nesebhokisi yesiriyeli.
- 2 Sika iphepha ekupheleni komzobo wedayisi. Uze ungazisiki iindawo ezingwevu.
- 3 Songa kuzo zonke iindawo ezinomgca omnyama wedayisi, amachokoza uwagcine engaphandle.
- 4 Lenze idayisi lakheke okwetyhubhu.
- 5 Songa iindawo ezingwevu uzincamathisele emacaleni ukuze zidibanise idayisi.
- 6 Liphose ze nidlale!



Indlela yokwenza iNcwadi eNcinci

- 1 Lisonge iphepha lakho libe namacandelo asibhozo.
- 2 Lisonge ke ngoku ehafini, usuke esizikithini uhle uqinisekise ukuba imifanekiso ikweli cala livelileyo lijonge phezulu.
- 3 Sika phakathi kwicala elingavulekanga njengoko imigca echokoziweyo ikukhokela.
- 4 Libambe iphepha libe phakathi komnwe nobhontsi wakho macala omabini.
- 5 Thoba izandla zakho ze zidibane.
- 6 Zenzele ithala leencwadi ezincinci ngokuzifaka kwibhokisana encinci iincwadi zakho – ibhokisi ye-jelly ingazigcina kakuhle kakhulu!



Sikunye kwiMfundo Yam

Ibanga le-R

Bazali nabagcini – bantwana esibathandayo

Siyazi ukuba kula maxesha yemingeni, unemisebenzi engaqhelekanga yokuxhasa ukufunda kwabantwana bakho. Mhlawumbi ukhe uxhalabe ngokuba ingaba wenza ngokwaneleyo na. Njengomzali, ukufanele ukuxhasa ukufunda kwasekhaya –kaloku ungutitshala wokuqala womntwana wakho. Isikolo sakho siye sasebenzisana kunye namaqumrhu aliqela aziwa njengeeNGO ekulungiseni ezi zixhobo eziza kukukhokela.

Le powusta yenzelwe wena, mzali okanye mgcini. Ikubonisa imisebenzi engafaniyo onokuyenza nonokuyilungiselela ngeveki nganye. Imisebenzi iquka ukumamela nokuthetha, ukufunda, ukubhala, izibalo nezifundo ngobomi. Qho ngekota uya kufumana umqulu omtsha wemisebenzi yekota nganye.

Zama imizuzu engama-20 ngosuku ka-5 ngeveki yokwenza imisebenzi nomntwana wakho. Uya kuncedeka ngokungashiyeki ezifundweni, naxa kungayiwa esikolweni.

Nakuba nigqibe umsebenzi nomntwana wakho, yena angafaka umbala enkwenkwezini apha IRekhodi yemisebenzi emqulwini wakho. Niya kukwazi enikwenze qho ngeveki, futhi uya kuba negugu umntwana wakho. Yincamathelise efrijini okanye edongeni ukuze umntwana wakho ayazi inkqubela yakhe. Qho ekupheleni kwenyanga bangayisa esikolweni babonise ootitshala babo abakwenze ekhaya.


Siyathemba uya kukonwabela kakhulu oku kunye nomntwana wakho! Yonwabela ukubabukela bekhula futhi befunda!

Ukulungiselela imisebenzi

Gcina imisebenzi imizuzu engama-20 ngosuku. Dala indawo ethuleyo, neyonwabisayo yokusebenza nomntwana wakho.

Uya kudinga:

- ★ incwadi yemizobo engenanto okanye iphepha elingenanto
- ★ ipenisile eloliweyo
- ★ iweksi okanye iikhrayoni zepenisile
- ★ isikere neglu
- ★ izinto zokubala emidlalweni.



Kukho izinto ezimbalwa ekufuneka uzenze nomntwana wakho:

- ★ Idayisi: linamathelise ebhodini yeekhadi (njengebhokisi yesiriyeli), uze ulandele imiyalelo yokuyisonga ibe lidayisi.
- ★ Intlama yokudlala: landela iresiphi.
- ★ Iincwadi eziNcinci: landela imiyalelo yokusonga iincwadi ezincinci.
- ★ Iibhodi zemidlalo neekhadi: zinamathelise kwibhodi yeekhadi ukuze zomelele.



Usuku loku-1 Ixesha lamabali

Uya kudinga ibali loMfanekiso oMkhulu OKANYE ibali leNcwadi eNcinci OKANYE ibali eliFundwa ngokuvakalayo. Uya kudinga noludwe lwemibuzo kwiphepha lemisebenzi qho ngeveki. Ukufunda kunye ngexesha lasekhaya makusoloko kuqala ngexesha lamabali. Hlalani ngokonwaba ubonise umntwana wakho ibali loMfanekiso oMkhulu, ibali leNcwadi eNcinci okanye ibali eliFundwa ngokuvakalayo. Buza umntwana wakho ngakubonayo nacinga ukuba wena uza kuthetha ngako namhlanje.

Ibali loMfanekiso oMkhulu

Ibali loMfanekiso oMkhulu ngumfanekiso ohlohlwe ngobucukubhede bezinto eninokuthetha ngazo nomntwana wakho. Qalani ngokujonga yonke into eniyibona emfanekisweni – nkqu nezona zinto zincinane. Chaza iintsingiselo zamagama amatsha. Sebenzisa imibuzo yesikhokelo sakho futhi ukhuthaze umntwana wakho ukuba abuze imibuzo! Kumamele ngokuqaphela akuthetha ngomfanekiso umntwana wakho – xa abantwana bethu bechaza abakucingayo baphuhla izakhono zobuchule bolwimi.



Ibali leNcwadi eNcinci

Ibali leNcwadi eNcinci likwincwadana esongiweyo enezivakalisi ezilula ezinxulunyaniswe nemifanekiso. Emva kokusonga incwadi encinci, qalani ngokutyhila amaphepha encwadi, nithethe kunye ngomfanekiso ngamnye. Emva koko fundani isihloko sencwadi nekhasi ngalinye, niwalathe amagama eniwafundayo. Khuthaza umntwana wakho ukubalisa ibali kunye nawe ukuba uyathanda. Nakugqiba ukufunda, buza umntwana wakho ngakuthande kakhulu encwadini. Basenokubalisela amanye amalungu osapho. Ngokukhumbula amagama nokutyhila incwadi bafunda ukuba kunjani ukuba ngumfundi!



Ibali eliFundwa ngokuvakalayo

Ibali eliFundwa ngokuvakalayo libali elide noko olifundela umntwana wakho. Zama ukuqala uzifundele ibali, ukuze livakale liphila – mjonge emehlweni, funda ngelizwi eliguqu-guqukayo, sebenzisa izangotshe umana unqumama uze ubuze: *Ucinga ukuba yintoni eza kulandela?* Ukuba uyakuthanda ukubalisa amabali, libalise ngendlela yakho ibali ungalingongi iphepha eliphambi kwakho.



Ukuba umntwana wakho uyawuthanda lo msebenzi, nali iqhagamshela lamanye amabali: <https://www.nalibali.org/story-resources/audio-stories>.

Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

Uya kudinga iphepha neekhrayoni okanye iipenisile. Futhi kuya kufuneka ukuba ujonge iphepha lomsebenzi weveki malunga nemiyalelo.

Nakuba benikonwabele ukuthetha kunye, umntwana wakho uya kuba nethuba lokuzoba eyona ndawo ayithandileyo, okanye into enxulumene nomsebenzi wexesha lamabali. Ekuqaleni, kungafuneka ukuba umncedise umntwana wakho ngokwenza isigqibo ngento athanda ukuyizoba. Mcele ukuba akuxelele ngomfanekiso wakhe. Bonisa umdla omkhulu futhi umkhuthaze. Xa nigqibile, mbuze ukuba angathanda na ukubhala isivakalisi ngomfanekiso wakhe. Abanye abantwana basenokufuna ukuzama “ukuzibhalela” ngokwabo, nokuba babhala ngathi bayarhoqoza okanye basebenzisa oonobumba abathile xa bebhala amagama.


Icebiso: Bhala xa ethetha umntwana wakho, ukuze awabone xa ebhalwa amagama akhe. Biza igama ngalinye olibhalayo nize niwafunde kunye nakuba nigqibile.



Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

Niya kudinga indawo ethuleyo engenaTV okanye irediyo eza kuphazamisa umntwana wakho.

Kaninzi abantwana abaselula kuba nzima kubo ukumamela ngokuqaphela nokulandela imiyalelo. Bafanele ukuziqhelanisa nokumamela ukuze bakwazi ukumamelisela! Futhi badinga ukuqwalasela ukuze bathethe ngabakubonayo. Imisebenzi yokuqwalasela nokumamela iya kumnceda umntwana wakho ukuba abe nengqalelo yamathuba amade. Khumbula ngokuqala ngemisebenzi emifutshane kodwa uyeke xa ediniwe umntwana wakho okanye xa elahlekelwa ngumdlu.



Usuku lwesi-4 Imidlalo

Uya kudinga indawo phandle malunga nemidlalo. Ufanele ukuncamathelisa imidlalo yeebhodi kwikhadibhodi. Sebenzisa amaqhosha okanye iziciko zeebhodi njengezixhobo zokubala. Ukuba akunalo idayisi, ungalenza ngokusebenzisa isakhelo.

Ubusazi ukuba abantwana abaselula bafunda ngokudlala? Phofu, sonke sifunda kakuhle xa sonwabile! Zininzi izinto ezifundwa ngabantwana xa bedlala imidlalo: baphuhla izihlunu zabo ezincinane nezikhulu, bafunda amagama neentshukumo ezintsha, baziqhelanisa nokubala kwabo, bafunde oonobumba bafunde nokunikana amathuba. Nokudlala kwakha isakhono sokudala neseengcingane. Umntwana wakho uya kulonwabela eli xesha lilodwa kunye nawe – afune ukuphinda adlale kwakhona!



Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani

Uya kudinga izakhelo zeemilo, oonobumba namanani kumqulu wemisebenzi nesanti, intlama yokudlala, iphephandaba, amacwecwe ezaziso zeentengo, iphepha lokuyila, isikere neglu.

Ukufunda ukuzoba iimilo nokubhala oonobumba namanani kufuna uqhelaniso oluninzi. Nangona kubalulekile ukuba abantwana abaselula bafundiswe indlela yokubumba iimilo, oonobumba namanani ngokuchanekileyo, kuqhelekile ukuba babhale oonobumba namanani angafaniyo ngobukhulu okanye basuke emva baye phambili. Bancome ngamalinge abo ungabaxhalabisi! Qala ngeemilo, oonobumba namanani aneenguquko ezinkulu, nemisebenzi ekwizakhelo zeemilo, oonobumba namanani.

Kufuneka khumbule indlela yokubhala oonobumba namanani njengoko besenza esikolweni, ukuze ufundise umntwana wakho ngendlela echanekileyo. Sebenzisa izakhelo zoonobumba nezamanani njengesikhokelo. Unobumba ngamnye unegama nesandi. Abantu abakhulu bakholisa ukusebenzisa igama (umzekelo, “em” endaweni ka-“m”). Ukuze abantwana bafunde ukufunda nokubhala, badinga ukufunda isandi sikanobumba (umzekelo, mmmm...).



Yonke imihla, khumbula ukwenza kanje:

Libalulekile emntwaneni wakho ixesha lokugqalisela ekufundeni, kodwa ukufunda kwenzeka kulo lonke usuku xa sisenza imisebenzi yethu yesiqhelo. Ubusazi ukuba ukuthetha xa uqhuba imisebenzi yakho yesiqhelo kunceda ngokuphuhla kobuchopho bomntwana wakho? Iingoma neevesi zabantwana nazo zikwakukutya kobuchopho! Nanga amaqhagamshela eengoma neevesi zabantwana abaselula: <https://www.nalibali.org/story-resources/multilingual-rhymes>. Nazi ezinye izimvo zokufunda kwemihla ngemihla:

- ★ <https://www.homeliteracy.org.za/playlearnhome>
- ★ MathsUp onokuyifumana simahla kwiGoogle Playstore.



Inkqubo yokufunda ekhaya yeBanga le-R neBanga loku-1

